

## AMACEBO OKULONDOLOZA AMANZI



WATER IS LIFE - SANITATION IS DIGNITY

kunye nezinye izinyithi ezinzima emanzini amdaka.

- Abantu abahlala ezilalini kufuneka bakukhathalele ukungasebenzisi imilambo kunye neendonga zemilambo njengezindlu zangasese.

### ESITIYENI

- Soloko uzinkcenkceshela kwangoko kusekusasa izityalo zakho okanye ngokuhlwa, xa amaqondo obushushu epholile. Ukunkcenkceshela phakathi kweye-10:00 kunye neye-15:00 unokuphulukana nokuya kuma kuma-90% amanzi eguquka esiba ngumphunga.
- Xesha ngalinye ubilisa iqanda, gcinela amanzi aphilileyo izityalo zakho zasendlini. Ziya kuncedeka kwizondli ezikhutshwe kwiqokobhe.
- Jolisa kwizityalo zasekhaya kunye nezangaphandle ezingasebenzisi kakhulu amanzi (kodwa hayi izityalo zangaphandle ezingenelelayo).
- Beka izityalo zibe ngamaqela ngokweemfuno zazo zamanzi kunye nezesigcina kufukama emhlabeni okuzijikelezileyo.

- Sukuzinkcenkceshela rhoqo izitya, kodwa zinkcenkceshele kakuhle. Ukusebenzisa umbhobho wasesityeni kunokusebenzisa ubuninzi bama-30 eelitha ngomzuzu.
- Susa izityalo zangaphandle ezingenelelayo kwipropati yakho.
- Amanzi avela kuphahla nawo anokugcinwa ematankini, ukuze ankcenkceshele izitya.
- Sebenzisa “amanzi acocekileyo abesetyenzisiwe” -amanzi asetyenzisiweyo avela ekuhlambeni, kumatshini wokuhlamba impahla kunye nakweminye imithombo ekhuselekileyo - ukunkcenkceshela isitya sakho.

### UYilo nokuiBekwa:

ZiiNkonzo zoNxibelelwano  
ISEbe lezeManzi noCoceko

0800 200 200  
[www.dws.gov.za](http://www.dws.gov.za)



water & sanitation  
Department:  
Water and Sanitation  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



# AMACEBO OKULONDOLOZA AMANZI

## AMACEBO OKULONDOLOZA AMANZI ENDLINI/KWISHISHINI

- Vala iitephu xa uhlamba ubuso bakho, uhlamba amazinyo akho okanye usheva.
- Ukuthatha ishawara yemizuzu emihlanu ngemini, endaweni yokuhlamba ebhafini, kuya kusebenzisa isinye esithathwini samanzi, ulondoloza ukuya kuma kuma-400 eelitha ngeveki. Ukushawara kungasebenzisa ukuya kuma kuma-20 eelitha zamanzi ngomzuzu.
- Ukuba ukhetha ukuhlamba ebhafini, wasebenzise nabanye amanzi, kwaye ungayigcwalisi. Ukuhlamba ebhafini kunokusebenzisa phakathi kwama-80 kunye ne-150 yeelitha zamanzi.
- Sebenzisa iintluzo zeeshawara ezisezantsi, iindlela zokugungxula kabini kwindlu yangasese kunye noomatshini bokuhlamba abonga amanzi.

- liketile kufuneka zigcwaliswe ngamanzi onele iimfuno zakho kuphela kwaye zingagcwaliswa kakhulu. Oku kuza kunceda ukwehlisa ibhili yakho yombane ngokunjalo.
- Ungazigcwalisi kakhulu iziqulathi ekuphekeni. Uya kusebenzisa kwakhona umbane omninzi ukufudumeza amanzi.
- Ukwehlisa ubuninzi bokugungxula indlu yangasese kodwa kunokulondolzoa ama-20% okusetyenziswa okupheleleyo kwamanzi. Oku kunokwenziwa ngokufaka ibhotile yesiselo eziilitha ezi-2, egcwaliswe ngamanzi, kunye nentwana yentlabathi ukongeza ubunzima, kwitanki.
- Lungisa izindlu zangasese ezivuzayo. Zinokuchitha ukuya kuma kwi-100 000 leelitha zamanzi ngonyaka omnye.
- Kuphephe ukugungxula indlu yangasese ngokungeyomfuneko. Lahla iithishu, izinambuzane kunye nenye inkunkuma emgqomeni kunakwindlu yangasese. Xesha ngalinye ugungxula indlu yangasese, iilitha ezili-12 ziyasetyenziswa.

- Sebenzisa “amanzi acocekileyo abesetyenzisiwe” -amanzi asetyenzisiweyo avela ekuhlambeni, kumatshini wokuhlamba impahla kunye nakweminye imithombo ekhuselekileyo - ukugungxula indlu yangasese.
- Ungayigcwalisi ngokugqithisileyo okanye ufunxe amanzi ngokugqithisileyo kwipuli yakho.
- Sebenzisa ibhakethi kunokusebenzisa umbhobho ukuhlamba imoto yakho. Ukuba ngaba kufuneka usebenzise umbhobho, sebenzisa isitshizi esinokucinywa kumathuba aphakathi kokutshiza imoto. Ukusebenzisa umbhobho wesitiya kunokusebenzisa ubuninzi bama-30 eelitha zamanzi ngomzuzu.
- Ungagaleli ipeyinti kunye nemichiza edreyinini.
- Abalimi kufuneka baqinisekise ukuba bawabeka kude amayeza okutshabalalisa izinambuzane anetyhefu kwimithombo kunye nemijelo yamanzi.
- Imizi-mveliso kufuneka iyikhathalele indlela ekhuphela ngayo imekyuri